# Wabutwana—Afrika ?
# Njengezitungu—Zesanda ?

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.)

Hlaziya Yehova imihla yetu
Njengo kwamandulo ko bawo betu
Ungaba usicekise mpela na ?
Kayakulu Lilumlela abantwana.

Naku siyabona sesingamangqina
Xa ngaba kunjalo kup' ukwalamana
Konyana nentombi zetu siluhlanga
Lwezizwe zintsundu ngapantsi kwela-
[nga

Izililo xa ndilapo makowetu
Ningetuki nganicinge ngezwe letu
Nitete ngelidala ngelika Hintsa
Amagama Enkosi ayandipazamisa.

Wabutwana njengezitungu ze Sanda
Nobutyakala kuwe buye busanda.
Vusa Inimba yakuma kowenu
Yakulo Ngubencuka kweza kowenu

Yabonani makowetu sibadala
Nenyaniso yasiposa kwakudala
Inyaniso iqületwe zizi Bhalo
Napantsi ke kweyako imibhalo.

Amaxesha obumnyama agqitile
Nezamini zobudenge zipelile
Masizake sakudwatywa zezinye
Kuba sakuxakeka xa singebanye.

Nabutwana njengezitungu ze Sanda
Nobutyakala kuni buye busanda
Entlalweni nembambano ninjani ?
Namaratshi okungazi anjani ?

Ubuzwe ke xa kunjalo bubupina ?
Ikaya ke xa kulapo lilipina ?
Siyashiywa silibele kukugxeka „
Imnke ke kupele yona i Afrika.

Amagwangqa amanyene ngabamnyama
Nama Kula nama Tshay'na ngokum-
[nyama
Nabutwana njengezitungu ze Sanda
Nobutyakala kuni buye busanda.

Umanyano nje kupela lunga "Mandla"
Kuba lulo lodwa olunokusondla
Zonk' intshaba zakoyiswa ngenxa yalo
Nentsika ze Zulu zakwapulwa ngalo.

Kuninina makowetu sikonkota
Sipikisa abantu besiqongqota
Sizwe sini sona esi silubisi
Lungasafikiyo nase zimvabeni

Nambla i Afrika itshelwe sic'eko
Azi kwabadala yena akaseko ?
Onyusa ne "Ngxelo" iye ko Pezulu
Atshise ne "Dini" ngonyana omkulu

Camagu !

Umteteli wa Bantu
(Johannesburg)
December 13th, 1924.